# Inkqubo yokufumaneka kwezabelo

Isikhokelo senyathelo ngenyathelo sabaxhamli

## Into oza kuyenza kwaye nini:

### 1 Khangela iinkcukacha zakho (ngoku)

- Qinisekisa ukuba ungumxhamli kunye nokuba i-ID yakho, iselula neenkcukacha zokubhanka zichanekile.
- Okona kukhawulezayo: Iphothali ye-JIS https://www.investecss.co.za/thusano/account/logon (sebenzisa i-ID/inombolo yomsebenzi).
- Okanye utsalele umnxeba ku 086 125 5525 / 086 143 3659
- i-USSD *120*1138# (ukuba unenombolo ye-ID yaseMzantsi Afrika)
- Umyalezo obhaliweyo +27 83 680 0079
- Okanye utyelele uTEBA.

### 2 Khetha into omawuyenze (ngowe-22 Novemba 2025)

- Zithengise zonke izabelo zakho (uza kufumana ikheshi, emva kokutsalwa kwerhafu); okanye
- Dlulisela izabelo zakho kwibhrokha (akukho kheshi okwangoku); okanye
- Ukuzenza zombini (uthengise ezithile, udlulise eziseleyo).

Ukuba awukhethi ngowe-22 Novemba 2025, ukhetho oluzenzekelayo luyasebenza: izabelo zakho ziza kuthengiswa emva kokufumaneka kwazo kwaye ikheshi (emva kokutsalwa kwerhafu) ihlawulwa kwiakhawunti yakho yebhanki erekhodiweyo.

### 3 Ukuba uyazidlulisa, vula iakhawunti yebhrokha (phambi kukaDisemba ka-2025)

- Sebenzisa inkonzo yorhwebo ngezabelo yebhanki yakho okanye nayiphi ibhrokha evunywe yi-JSE.
- Yiba neenkcukacha zeakhawunti yakho yebhrokha esele zilungile ukuze luqale kakuhle udluliso.

### 4 Usuku lokufumaneka kwezabelo (1 Disemba 2025)

- Ugcino lweminyaka eli-15 luyaphela. ITrasti iqala inkqubo yokuthengisa/ukudlulisa ngokungqinelana nokhetho lwakho kwaye iqale amanyathelo asemthethweni okuvala.

### 5 Indlela elimiselwa ngayo ixabiso (Disemba 2025 – Februwari 2026)

- Ukuba uyathengisa, izabelo zithengiswa kwiqela leentsuku; kusetyenziswa ixabiso eliyiavareji ukuze wonke umntu othengisayo afumane ixabiso elifanayo ngesabelo.
- Amaxabiso ezabelo anokunyuka okanye ehle; iTrasti ngeke iwathelekelele kwangaphambili amaxabiso exesha elizayo.

### 6 Iirhafu ziyahlawulwa

- ITrasti ifumana umyalelo werhafu ku-SARS ize itsale iirhafu phambi kokwenza intlawulo okanye ukudlulisa.
- Ukuba uyadlulisa, unokuthengisa inxenye encinci ukuze uhlawulele iirhafu/imali ehlawulwayo okanye uzihlawule ngqo (ibhrokha yakho/i-JIS iza kukukhokela).

### 7 Uza kufumana ixabiso lakho (ukusukela ngowe-1 Matshi 2026)

- Ukuthengisa: ikheshi (emva kokutsalwa kwerhafu kunye nemali ehlawulwayo) ihlawulwa kwiakhawunti yakho yebhanki ekwirekhodi.
- Ukudlulisa: izabelo zakho ziza kudluliselwa kwiakhawunti yebhrokha yakho.
- Uza kufumana uqinisekiso ngendlela yakho yoqhagamshelwano oyikhethileyo.

### 8 Gcina iirekhodi zakho



- Uza kufumana isatifiketi serhafu sentlawulo/udluliso lwakho.
- ITrasti iza kuqhubeka ukufuna abaxhamli abangahlawulwanga ukuya kuMatshi ka-2028.

### Iingcebiso ezikhawulezayo

- Ukuhlaziya iinkcukacha zakho zokubhanka phambi kokungenisa ukhetho lwakho.
- Ukulungisa iinkcukacha zebhrokha kusekwangoko ukuba uceba ukuzigcina izabelo zakho.
- Ufuna uncedo? Tsalela umnxeba ku 086 125 5525 / 086 143 3659; i-USSD *120*1138# (ukuba unenombolo ye-ID yaseMzantsi Afrika); Umyalezo obhaliweyo +27 83 680 0079; Okanye utyelele uTeba.

### Hlala ukhuselekile kubuqhetseba

- ITrasti yeThusano/i-JIS ngeke ikucele ukuba uhlawule imali ehlawulwayo ukuze ufumane intlawulo okanye ukudluliswa.
- Ziirhafu ezisemthethweni kunye nemali ehlawulelwa ulawulo eqhelekileyo (ekusetyenzwa ngayo yiTrasti/JIS) esebenzayo.
- Ukuba awuqinisekanga, qhagamshelana neenombolo ezingasentla phambi kokwabelana ngolwazi lwakho lobuqu okanye lokubhanka